**UMBUZO 1**

Sibaluleke ngantoni isiduko kwaNtu? Khawuzithuthe ke ngoku. **[25]**

**UMBUZO 2**

Xoxa kuthi ngco kuwe ngamaqhina esiXhosa. Ingxoxo yakho mayichanabe phantsi kwezi ngongoma:

- Inkcazelo yeqhina
- Imvelaphi yamaqhina
- Ukudlalwa kwawo – ngoobani, nini, phi?
- Adlalwa njani?
- Ixabiso lamaqhina.
- Indlela athi ahlelwe ngayo. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3**

Amaqhina alola izakhono ezithile eluntwini. Khawusityebisele malunga nezo zakhono zithi zifumaneke emaqhineni. **[25]**

**UMBUZO 4**

3.1 Xela iindidi zeengoma zakwaNtu zibe **lishumi**, uze utsho ukuba udidi ngalunye luvunywa xa kutheni. [20]

3.2 Kukho izinto ezenziwayo kuphinda-phindo lwengoma zixele. [05]

**[25]**

**UMBUZO 5**

Khetha nayiphina intsomi oyaziyo yesiXhosa, uze wandule ukuyihlalutya ngokuthi ukhuphe kuyo amanqwanqwa entsomi. Qala ngokuthi unike la manqwanqwa, uwachaze uze wakugqiba oku uhlalutye intsomi leyo ozikhethele yona. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6**

Chaza banzi ngemisebenzi yeentsomi, uzekelise ngentsomi oyikhethileyo. **[25]**